
# UThabane umfana ohlakaniphileyo

**Imibuzo phambi kokuFunda**

1. Umntu ohlakaniphileyo ngumntu onjani?
2. Xa engahlakaniphanga umntu umbona ngantoni?
3. Nika umzekelo obonisa ukuhlakanipha.




EXTRACT PAGES

UThabane wayehlala elokishini efunda esikolweni esisedolophini. Ngenye imini eklasini yakhe babekhuphela ezincwadini zabo amanqaku wesiXhosa. Utitshala uLobese wenza impazamo ethile xa wayebhala ebhodini. UThabane wayibona waza wakhawuleza ukuxelela utitshala.


Wena ucinga ukuba utitshala angayenza impazamo xa ebhala ebhodini?




EXTRACT PAGES

UThabane ukwenze oku ngembekokazi enkulu. Ucele utitshala ukuba ayijonge impazamo ebhodini. Naye utitshala uye wayibona, wakhuza ngokothuka. " Owu! undincedile Thabane, undibonise, enkosi." Bajike iintloko bajonga kuThabane bonke abafundi.

Ucinga ukuba batheni abafundi bejonga kuThabane nje?



EXTRACT PAGES

Ukuvuyele uThabane ukungaphoxwa ngutitshala. Uzibone ukuthi naye uluncedo eklasini. Ukwazile ukulungisa utitshala.

Ingaba bekuya kuba luncedo ukoyika kukaThabane ukubonisa utitshala impazamo yakhe? Xhasa impendulo yakho.



EXTRACT PAGES

Enye into eqaphelekayo kuThabane kukuzithemba. Iyakhawuleza ingqondo yakhe ukodlula abanye abafundi. Xa banikwe umsebenzi uwenza ngokukhawuleza besaxakekile abanye. Oku kumenza abe nesithukuthezi ngelinye ixesha kuba akenzi nto.

Yintoni isithukuthezi? Senziwa yintoni?



Xa kufundwa kusenziwa ingxoxo nentetho eklasini uThabane uyazibonakalisa. Kwintetho yakhe ukhetha amagama afanelekileyo anentsingiselo echanekileyo. Bayanyanzeleka abafundi kunye notitshala ukuba bamqhwabele izandla.

EXTRACT PAGES

Ucinga ukuba ngabatheni abafundi abangamthandiyo uThabane?



UThabane uyakuthanda ukudlala ibhola. Udlala nabanye abafundi ngexesha lentlazane. Naxa kuphume isikolo uyaya ebaleni lokudlala elokishini. Uyabafundisa abanye abantwana indlela yokudlala ibhola.

Ngowuphi umdlali wesoka omthandayo wena?

EXTRACT PAGES




EXTRACT PAGES

Ngenye imini uThabane wachola ikhulu leerandi kuesa esangweni lesikolo. Le mali wayifaka ecaleni kubhaka wakhe. Akaxelelanga mntu ngayo. Kuhanjwe kwiiklasi zonke kubuziswa ngomntu oyicholeyo.

Ukuba yayinguwe ochole le mali ubuza kuthini?




Uyazi uThabane wathini kwakufikwa kweyakhe iklasi? Waphakama waya kutitshala waxela ukuba nguye oyicholeyo. Iqhawe elinguThabane alizange lithandabuze ukuziveza. Le nto yayimchaza ukuba ungumntwana onyanisekileyo nothembekileyo.

EXTRACT PAGES

Uchola ikhulu leerandi, ulambile, ufuna izinto ezimnandi, kokwenu ayikho imali. Ungenza ntoni ngaloo mali?